URhulumente weNtshona Koloni
EzoThutho nemiSebenzi kaRhulumente

UBAMBISWANO NGAMANDLA.

INGXELO **YE-TPW KWEYOMQUNGU**

Unikezo lwezibonelelo zempilo

ISebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu leNtshona Koloni lihambisa izibonelelo neenkonzo ebantwini bephondo ukukhuthaza iziphumo zoqoqosho nentlalo-ntle nezikhuselekileyo, ezixhotyisiweyo nezimanyeneyo.

Luqalisile ulwakhiwo lwekliniki yeSebe lezeMpilo leNtshona Koloni yezigidi ezingama-R24 eNapier eza kuthatha indawo yamaziko empilo akhoyo apho. Le kliniki igunyaziswe liSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu, kulindeleke ukuba ibe igqityiwe ekupheleni kowama-2017.

Yakuba ivuliwe, ikliniki entsha yaseNapier iza kuba neenkonzo zonyango eziphambili ezibandakanya icandelo loomama, elempilo yabantwana, ezengqondo, ezamazinyo neenkonzo zokubuyisela kwimeko yesiqhelo, kwakunye nonyango lwezifo ezisulelayo kunye necandelo lonakekelo nonyango lwabanezigulo ezingapheliyo.

Iziko eli liza kufikeleleka lula kubantu abakhubazekileyo. Izakhiwo ezo ziquka amagumbi abucala okuxilongela, amagumbi ekubotshwa kuwo izilonda nawonyango kwakunye neendawo zokunyanga izifo ezisulelayo. Le kliniki iza kuba nendawo yokulinda engaphandle egqunyiweyo eneendawo zokuhlala kwakunye nendawo yabantwana yokudlala. Ngokwedizayini, indawo yokulinda engaphakathi iza kubandakanya ikhemesti, indawo yokwamkela izigulane, icandelo loncedo, nee-ofisi zolawulo.

Abantu bale dolophu kudala bezifuna iinkonzo ze-PHC ezisemgangathweni. Kwiminyaka engamashumi amane eyadlulayo, inkonzo kamahamba nandlwana yayityelela kanye ngeveki. Ngowama-2003, iimfuno zabantu zanda kangangokuba kwade kwavulwa iKliniki eNapier. Kwahle kwacaca ukuba ikliniki leyo incinci kakhulu ukuba ingabonelela ngeenkonzo zempilo ezifanelekileyo ezinika intlonipho neemfihlo zomntu wonke oya kufuna uncedo kuyo. Lathi iSebe lezeMpilo lakuyithathela kulo ikliniki ngowama-2006, lathenga amaxhobongwana nje amabini okubambisa ukuphungula uxinzelelo.

Inani labemi sele liphinda-phindeke kathathu kule minyaka ingama-30 idlulileyo kwaye neemfuno zonyango lokuqala zithe chu ukukhula. IKliniki entsha yaseNapier iza kukhawulelana neemfuno zezi mini, kwaye yakhiwe ngendlela yokuba ibe nako ukwandiswa ukuze imelane nesantya sokukhula kweemfuno zoluntu lwasekuhlaleni zexesha elizayo.

Siyakhokela ekuhanjisweni kwezibonelelo zikarhulumente kunye neenkonzo ezinxulumene noko. **UBAMBISWANO NGAMANDLA**